

UThixo Akanalucalucalulo

Imiyalelo: Funda ezi ndinyana zeBhayibhile kwindawo ongazukuphazanyiswa kuyo. Njengoko ufunda, zibone nawe ulapho. Yiba ngathi uyayibona into eyenzekayo. Beve ngathi bayathetha abantu abalapho. Vakalelwa ngendlela abavakalelwa ngayo.

Abalinganiswa abaphambili: UKorneli noPetros

Into eyenzeka kweli bali: UPetros uxelisa ukungabi namkhethe kukaThixo ngokushumayela kuKorneli ongumntu weeNtlanga.

❶ **HLALUTYA ESI SIGANEKO.—FUNDA IZENZO 10:1-35, 44-48.**

Chaza indlela ocinga ukuba wayekhangeleka ngayo uKorneli. _____

Ucinga ukuba wayevakalelwa njani uKorneli xa wayethetha nengelosi njengoko kubhalwe kwivesi 3 ukusa kweyesi 6? _____

Ucinga ukuba wayencokola ngantoni uKorneli nezicaka zakhe njengoko kucha-
zwe kwivesi 7 neye 8? _____

❷ **CINGISISA.**

Yintoni eyawenza wasebenza umbono owaboniswa uPetros kwivesi 10 ukuya
kweye-16? (Ukhumbule ukuba uPetros wayengumYuda njengoko kuboniswe
kwivesi 14.) _____

Luluphi uphawu lukaKorneli olubonayo njengoko luchazwe kwivesi 25? Kutheni
lunqabile nje olu phawu kubantu abanegunya njengaye? (Funda kwivesi 1.) _____

Phanda kwiincwadi onazo ukuba ayeba ma-
ngaphi amadoda kumkhosi waseltali owawu-
phethwe nguKorneli. _____

Yintoni eyakwenza kwabalasela ukuguquka ku-
kaKorneli? _____

**3 ZISEBENZISE IZINTO OZIFUNDILEYO.
BHALA IZINTO OZIFUNDILEYO . . .**

Ngokusebenzisa kakuhle imizekeliso. _____

Ngokungabi nalucalucalulo kukaThixo. _____

Ngendlela nawe onokubonisa ngayo ukuba
awunalucalucalulo. _____

**4 YINTONI OYITHANDILEYO KWELI BALI YAYE
KUTHENI UYITHANDA NJE?**

